J - ISikhokelo seSebe i-WCED UKhuseleko lwabafundi kwiSkim soThutho lwaBafundi (Learner *Transport Scheme*)

ICandelo eLikhulu loPhuhliso noQuquzelelo lwamaZiko	J – ISikhokelo seSebe i-*WCED* UKhuseleko lwabafundi kwiSkim soThutho lwaBafundi (Learner *Transport Scheme*)	
J –ISikhokelo seSebe i-*WCED*	Sikhutshwe: nge-20 Meyi 2020	Masijongisiswe njengesiyimfuneko naxa kuyimfuneko

Sivunywe yiNtloko yeSebe:

BK Schreuder
Umhla: 2020-05-20

J – ISIKHOKELO SESEBE I-*WCED*: UKHUSELEKO LWABAFUNDI KWISKIM SOTHUTHO LWABAFUNDI

1. Injongo

1.1 Ukucebisa iinqununu kunye neekomiti zolawulo lwesikolo *(school management teams* (*SMTs*)) ngokulindelekileyo ukuqinisekisa ukhuseleko lwabafundi kwiSkim soThutho lwaBafundi (*Learner Transport Scheme*) (*LTS*).

2. Imiqathango

2.1 Zonke iinkonzo zezithuthi ezijikelezayo kuqukwa neenkonzo zeebhasi ezikhwelisa abantu, iinkonzo zeeteksi kunye neemoto zabanini babucala ezithutha abafundi ukubasa esikolweni, kufuneka zibambelele kwimiqathango echaphazelekayo ekhutshwe ngokoMthetho woLawulo lweNtlekele, 2002 (*Disaster Management Act*, 2002) (UMthetho we-57 ka-2002) (*Act* 57 of 2002), nayo yonke imigaqo ecaciswe kwishedyuli ukunqanda ukunwenwa kwe-*COVID*-19.

3. Ukwehlisa nokukhwelisa abafundi ezikolweni

3.1 Bonke abafundi mabaqinisekise uqelelwano phakathi kwabo xa belinde isithuthi.

3.2 Bonke abafundi kufuneka banxibe iimaski zobuso ngalo lonke ixesha.

3.3 Abafundi kufuneka baqinisekise ukuba bayazihlamba izandla zabo phambi kokuba balishiye ikhaya/isikolo.

3.4 Ngabafundi ababhaliswe kwi-*LTS* kuphela abanako ukusebenzisa izithuthi.

4. Umthamo wezithuthi

4.1 Umthamo wezithuthi kufuneka uthotyelwe ngokwenkcazelo epapashwe kwi-*Government Gazette*No. 43272 ye-04 Meyi 2020, ukuqinisekisa ukuqelelana phakathi kwabafundi.

4.2 Umthamo wezithuthi ovunyiweyo ngokwangoku yi-70%.

5. Ukubonelelwa ngezithuthi ezicocekileyo nezihlanziswayo ukubulala iintsholongwane kwizithuthi zabafundi

5.1 Bonke abasebenzi bezithuthi zabafundi kufuneka babonelele ngesicoci esibulala iintsholongwane ezandleni okanye ezinye iidispensa zococeko (*hygiene dispensers*) zokuhlamba izandla xa abafundi nabantu abadala bejonga ukungena kwisithuthi.

5.2 Bonke abasebenzi bezithuthi zabafundi kufuneka baqinisekise ukuba izithuthi ziyahlanziswa phambi kokukhwelisa nasemva kokwehlisa abafundi.

5.3 Abasebenzi bezithuthi zabafundi kufuneka baqinisekise ukuba iziphatho zamacango nezeefestile, iindawo zokubeka iingalo kunye neefestile abangqiyama ngazo abafundi zazo zonke izithuthi zokuthutha abafundi ziyahlanziswa phambi kokukhwelisa nokwehlisa abafundi.

5.4 Bonke abasebenzi bezithuthi zabafundi kufuneka baqinisekise ukuba zonke izithuthi ezithutha abafundi zicocekile kwaye zime kakuhle.

5.5 Bonke abaqhubi kunye nabafundi kufuneka banxibe iimaski zobuso.

6. Iindima nemisebenzi yeenqununu nee-*SMTs*

6.1 Zonke izithuthi zabafundi, kuquka izithuthi ezinabanini okanye izithuthi ezilungiselelwe ukuthutha abafundi, zixhomekeke kwimiqathango esebenzayo yongameleyo ngaphandle kokuba kufakelwe izilungiso ukulungisselela izithuthi zabafundi.

6.2 Iinqununu, okanye amagosa awenza lo msebenzi, kufuneka atshekishe ukuthotyelwa kwemiqathango ngalo lonke ixesha.

6.3 Iinqununu okanye amagosa awenza lo msebenzi, kufuneka atshekishe ukuthotyelwa kwemiqathango njengoko iibhasi zisohlisa/ziqokelela abafundi.

6.4 Naluphi na ulwaphulo-mthetho kufuneka luxelwe kwi-ofisi yesithili ngokukhawuleza.